

# UKWENZA INDLU YAKHO IFUDUMALE



Ingaba  
singayenza njani  
le ndlu ibe  
shushu?

Kufanele  
sifakele isilingi, sinqande  
umoya ungangeni yaye  
silungise iifestile  
ezophukileyo.

**HOAP**

ICEBISO KUBANINI-ZINDLU INCWADANA YOLWAZI




## UKUFAKELA ISILINGI



Yeyona ndlela ibalulekileyo le yokukhusela indlu okanye ityotyombe lakho engqeleni nakwimozulu eshushu. Ehlotyeni ikhuphela phandle ubushushu. Ebusika uza kufuna ubushushu obuncinci ukwenza indlu yakho ifudumele, isilingi yonga ezo ndleko zokwenza ubushushu.

### PHAMBI KOKUBA UFAKE ISILINGI

- Qiniseka ukuba akungeni manzi kuphahla lakho. Lungisa zonke iindawo ezivuzayo ngebutumeni okanye ngesinye isitywini. Vala izithuba eziphezu kwamamadonga nophahla ngomqadi.
- Yenza izitena zokuvala intunja uzifake kumadonga asekupheleni kophahla. Vala intunja ngomnatha wocingo ukhusele ukuba iintaka neempuku zingangeni kwisithuba esikwiphahla.



### UKUFAKELA ISILINGI

- Khetha isixhobo esisiso sokusilinga ikhadibhodi eyomeleleyo, okanye ikhadibhodi yesamente okanye enye nje ikhadibhodi. Sebenzisa izikhonkwane ezineentloko ezinkulu ukuyincamathelisa kuloo nto yenziwe ngeplanga.
- Loo nto yenziwe ngeplanga kufuneka ingehli isenyuka kwaye ingabi kude, (ubukhulu ngama-600mm), ukukhusela isilingi ukuba ingabheni. Sebenzisa umtya uwuncamathelise phantsi kweplanga ukwenzela ukuba ubone ukuba ayihli isenyuka na isilingi. Ukuba ihla isenyuka yangeza iverhe okanye elinye iplanga ukuyenza ukuba ingehli isenyuka ibe kumgangatho omnye.
- Emva kokuba ubethelele iikhadobhodi zokusilinga, tywina iindawo ezidibanayo ngesincamathelisi esilungele loo msebenzi.



### UKUYIGQUMA ISILINGI YAKHO IBAMBE UBUSHUSHU

Xa uyifakele isilingi yakho ungayigquma ibambe ubushushu ukwenzela ukonga iindleko zokwenza indlu ifudumale. Sebenzisa into yokubamba ubushushu bungadluli enje ngepolyester (Isotherm), umcu weglasi (Aerolite) okanye iselulosi (imithambo esezinkunini nasezityalweni). Yigqume yonke isilingi.



### UKUFAKELA IIKHETHINI NEEKHAPHETHI EZISEMGANGATHWENI


- Iikhethini ezisemgangathweni zinceda ekugcineni umoya ofudumeleyo ebusika, ziwukhuphele ngaphandle. Kufuneka ziyigqume ehlotyeni yonke indawo enefestile, kwaye kufuneka zenziwe ngelaphu elomeleleyo zibe nemiququmbelo.
- Iikhapheti zenza umgangatho uvakale ufudumele, zikhusele ingqele esuka emgangathweni.

### TYWINA ZONKE IZITHUBA, IMINGXUMA NAMATHANDA

Nezithuba ezincinci, amathanda nemingxuma zinceda ekubeni umoya oshushu uphume, kwaye zincede nokuba opholileyo ungene endlwini. Izithuba ezininzi zijikeleze iifestile namacango, nangaphantsi kwamacango, ekudibaneni kophahla, kwintunja zomoya nalapho izikhonkwane, iibholithi nemibhobho ihamba khona ukuya eluphahleni okanye eludongeni.

# ELONA CEBISO LIBALULEKILEYO LE LI

- YIFAKELE KWAYE UYIGQUME UKWENZELA UMBANE OKANYE UBUSHUSHU BUNGADLULI ISILINGI YAKHO.
- TYWINA AMAGUMBI UKHUSELE IMOZULU ETSHINTSHAYO.
- ZIFAKELE IIFESTILE EZAPHUKILEYO.



## UKUTYWINA AMAGUMBI UKULUNGISELELA IMOZULU




### Iziqwenga zokukhusela imozulu ezijikeleze ucango nomgubasi wefestile

Ungazithenga ezi ziqwenga zokukhusela imozulu (ezisele zenziwe, ezo uzifakela ngokwakho, iziqwenga ezithambileyo ezenziwe ngeplastikhi) kumzi othengisa ngezixhobo zokwakha okanye othengisa izinto zendlu. Thenga isiqwenga seplanga okanye esesinyithi esilungele ukufakwa efestileni nakwiintlobo ngeentlobo zamacango endlu yakho. Yicocisise indawo oza kusebenzela kuyo ngononophelo, sisike isiqwenga sibe ngulo mlinganiselo ufunekayo, uyityhale ngobuchule iye kule ndawo ifuneka kuyo.

### Ukukhusela imozulu ngaphantsi kumacango angaphandle

Ukukhusela umoya ukuba ungene okanye uvuthuzele ngaphakathi ungena ngaphantsi kwamacango, kufuneka ulungise ibhodi yokukhusela imozulu.

- Umqobo : Qinisa ngesikrifu iceba leplanga elomeleleyo elinjenge meranti emgangathweni ngaphantsi kocango, ngokunxusene nomgubasi.
- Ibhodi yeplanga elungiselelwe imozulu : Yisike ibe nobubanzi obububo, uyiqinise ngesikrifu ukuya ezantsi elucangweni ukwenzela ukuba igqume isithuba eso. Khumbula, ukuba ucango kufuneka lube nakho ukuvuleka luphinde luvaleke ngaphandle kokuphazamiseka.
- Landela iinkcukacha eziza nale nto. Sika isiqwenga sokukhusela imozulu sibe nobubanzi obuchanekileyo ngesarha, uyikrifele emazantsi ocango ukulungiselela ukuvale isithuba esisemgangathweni.



## UKUFAKELA IIGLASI ZEFESTILE EBZOPHUKILE



### Izixhobo

- Irhula okanye iteyiphu yokulinganisa
- Amaphepha-ndaba amadala
- Isitshwezi okanye isikrufeli
- Ihamile
- Ibrashi yokupeyinta endala
- Into yokusika iglasi
- Isinyithi esinomphetho othe ngqo
- Into yokukrwela ipeyinti / okanye imela yepati
- Ipati efanekileyo ukulungiselela isinyithi okanye imigubasi yeefestile.
- Igilasi entsha.
- Izikhuseli zandla ukukhusela izandla zakho.



### Zisuse iigilasi ezindala

- Zisuse ngocoselelo iingceba zeglasi nepati kumgubasi wefestile.
- Qinisekisa ukuba umgubasi wefestile ucocekile phambi kokuba uthathe imilinganiselo uza kufaka igilasi.



### Thatha umlinganiselo usike igilasi entsha (le uza kuyifakela)

- Thatha umlinganiselo wale uza kuyifaka kumphakathi womgubasi shiya ubude ubuyi 4mm ukusukela kumlinganiselo ukwenzela ukuba ufumane umlinganiselo ofunekayo.
- Umzi wokuthengisa izinto zokwakha ungasikela igilasi. Baxelele umlinganiselo owufunayo, okanye ubanike iceba lekhalibhodi elisikelwe lo mlinganiselo.
- Ukuba unesixhobo sokusika igilasi nesinyithi esinomphetho othe ngqo, ungayisika igilasi uyisikele phuzu kwamaphepha-ndaba apakisheneyo. Qala uchonge umlinganiselo ofanelekileyo kwigilasi. Qinisekisa ukuba amagophe athe ngqo ukhuhle icala elinye legilasi ngemela yokusika igilasi. Beka igilasi ngeli cala likhuhliweyo ulijongise phezulu kwiphepha-ndaba ngemicinga yematshisi ngaphantsi komgca okhuhliweyo. Vingca iglasi ngocoselelo ngomva wemcam wemela yokusika igilasi ukwenzela ukuba yophuke kakuhle ngakumgca okhuhliweyo.



### Fakela igilasi entsha

- Sebenzisa ibrashi endala yokupeyinta ukucoca le ndawo iza kufakelwa.
- Thambisa ipati enkulu ezandleni zakho. Cinezela umcwana wepati apha kanye emva kumgubasi wefestile.
- Tyhala ngoceselelo igilasi ize kwipati engemva.
- Tyhalela ipati ukuba iye ekoneni phakathi kwegilasi nomphetho womgubasi ukwenzela ukubamba igilasi isendaweni.
- Usebenzisa imela yepati, tyhala usike enye ipati ukwenzela into oyenzayo ithi ngqo, ibe nomgangatho ubukelekayo.
- Musa ukuyipeyinta ipati xa isentsha kangangeeveki ezimbini.



## JONGA EZINYE IINCWADI NGOKU:

- Ukuphucula indlela yokusebenzisa umbane kwikhaya lakho
- Ukutyala iigadi zemithi nezemifuno
- Ukukhusela amathanda nokufuma endlwini yakho.



CITY OF CAPE TOWN  
ISIXEKO SASEKAPA  
STAD KAAPSTAD

Ipapashwe Development Action Group  
101 Lower Main road, Observatory, 7925  
Umnxeba: (021) 448-7886 • Ifeksi: (021) 447-1987